Isalathiso: 20210913-5802
Inombolo yefayili: 13/1/2/1
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0016/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBacebsisi beZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, *eze-Adult Education and Training Level* 4 nakwezeSatifikethi seMatriki

Isihloko: **Ukubekwa esweni nolawulo lweemeko ezingayingxaki kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, eze-*Adult Education and Training Level 4* nezeSatifikethi seMatriki ukususela ngo-Oktobha 2021 ukuya kuJulayi 2022**

1. Ukuqinisekiswa komgangatho, ukuphathwa nokulawulwa ngendlela eyiyo kweenkqubo zeemviwo kubaluleke kakhulu kuwo onke amanqanaba nakuwo onke amaziko ekuqinisekiseni ukuthembeka nokunyaniseka kweziphumo zeemviwo. Oku kubandakanya ukutyelelwa okungachazwanga kwamaziko okubhalela iimviwo kwakunye neenqununu/nabaphathi bamaziko okubhalela uviwo abamkele uxanduva lokuphendula ngokuqhubekayo kuzo zonke iimviwo eziqhubeka ezikolweni zabo.

2. **Ukubekwa esweni kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*), eze-*Adult Education and Training Level 4* nezeSatifikethi seMatriki (*SC*)**

2.1 Abameli abavela kula maqumrhu mane alandelayo baya kubeka esweni inkqubo yeemviwo kumaziko okubhalela iimviwo:
(a) ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED)
(b) IBhunga loQinisekiso lweMigangatho kwi-*General and Further Education and Training* (Umalusi);
(c) ISebe leMfundo esiSiseko (*Department of Basic Education (DBE)*); kunye
(d) neSebe i-*Department of Higher Education and Training (DHET)*.

2.2 Ababeki-liso abavela ku-Umalusi, kwiSebe i*DBE* neSebe i*DHET* baqeshelwe kanye le njongo yaye akukho mfuneko yokuba bahambe namagosa eSebe i*WCED* xa endwendwela amaziko okubhalela iimviwo.

2.3 Bonke ababeki-liso abavela kwiSebe i*WCED*, ku-Umalusi, kwiSebe i-*DBE* nakwi-*DHET* baya kuba namaxwebhu okuzazisa neeleta zokuqeshwa kwabo njengababeki-liso yaye baya kutshekisha **yonke** imigaqo yeemviwo, umzekelo ukususwa kwamaphepha emibuzo kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo, ukugcinwa ngokhuselekileyo nangokunqatyisiweyo kwamaphepha emibuzo kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo, ukubhalwa kanye kanye kweemviwo kwiindawo zokubhalela iimviwo nenkqubo zokugada abaviwa.

2.4 Ababeki-liso bacelwe ukuba bakuxele ukubakho kwabo kwi-ofisi yentloko yeziko xa befika naxa bamkayo ngokunjalo. Iintloko zamaziko ziyacelwa ukuba zisayine isixhobo sokubeka esweni *(monitoring instrument*) yaye ziqinisekise ukuba umbeki-liso uyayisayina *iRejista yaBabeki-liso* (*Register for Monitors*).

2.5 Isixhobo sokubeka esweni (***Annexure A: Western Cape Education Department Monitoring Instrument 2021****)* siya kusetyenziswa ngamagosa eSebe i*WCED* ukubeka esweni ukubhalwa kweemviwo.

2.6 Abagadi babaviwa abaneqhuzu mabazalise ingxelo yaqho ngosuku ku-intanethi , besebenzisa ilinki enikiweyo, kwisithuba **seyure enye emva koviwo**. Le ngxelo yosuku kwikhompyutha ku-intanethi ayithathi ndawo yengxelo yabagadi babaviwa abaziintloko eyenziwa kwisithili.

2.7 Ilinki yengxelo yaqho ngosuku yabagadi babaviwa abaneqhuzu ku-intanethi yile: https://forms.office.com/r/db6aCZbq4v. Zonke iinqununu kufuneka ziqinisekise ukuba ingxelo ku-intanethi izalisiwe emva kokubhalwa kweseshoni yoviwo nganye.

3. Ulawulo lweemeko ezingayingxaki kwiimviwo ze-*NSC*, eze-*AET Level* 4 neze-*SC*

3.1 Lo gama kungalindelekanga ukuba kuphazanyiswe ukubhalwa kwazo naziphi na iimviwo, kubalulekile ukuba isicwangciso esintsonkothileyo sokulawulwa kweemeko ezingayingxaki masenziwe liziko ngalinye ukwenzela ukujongana nakuphi na ukuphazamiseka okunokuchaphazela ulawulo nokuqhutywa kwezi mviwo.

3.2 Apho kunokwenzeka ukuba bakhutshwe ngongxamiseko abaviwa kwisakhiwo *(evacuation),* umphathi wesekethe okanye umlawuli wesithili makaziswe ngesehlo ngokungxamisekileyo. Umphathi wesekethe okanye elinye igosa ekudluliselwe kulo amagunya elivela kwi-ofisi yesithili liya kundwendwela isikolo ngokukhawuleza ukungqinisisa imigaqo neenkqubo ezilandelwe sisikolo. Amagosa anyulelwe lo msebenzi avela kwi-ofisi yesithili makabeke iliso kulo meko ichaziweyo ngeliso lokhozi ukususela kwelo xesha afika ngalo esikolweni.

3.3 Ukungaphumeleli ukwenza inkqubo yokukhutshwa kwisakhiwo ngongxamiseko *(evacuation*) ngokwemigaqo emiselweyo kuya kudlelela ukuthembeka kweemviwo yaye kunokubaneziphumo ezizezinye zamanye amalungiselelo, afana nokulucwangciselwa omnye umhla oya kulandela uviwo.

3.4 Iinqununu/abaphathi bamaziko mabazise abaviwa ngesicwangciso semeko engekehli yokukhutshwa kwisakhiwo kwabafundi ngongxamiseko (**IsiHlomelo B: Isicwangciso sokuqulela okungekehli sokujongana neemeko zongxamiseko**) neziphumo ezixhomisa amehlo ukuba inkqubo yokukhutshwa kwisakhiwo ngongxamiseko ayiqhutywanga ngokwemimiselo yomgaqo-nkqubo.

3.5 Kwimeko engaxhaphakanga yokuba uviwo lwephondo okanye lukazwelonke luphinde lubhalwe kwakhona, iSebe iWCED liya kwazisa zonke iinqununu/abaphathi bamaziko kwangoko sakuba sithathiwe isigqibo ngalo mba.

3.6 Iinqununu/abaphathi bamaziko banokusebenzisa izintlu zokutshekisha zihamba nale ngcaciso imfutshane (**IsiHlomelo C: Uluhlu loKutshekisha loLawulo lweeMeko ezingayingxaki kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, eze-*Adult Education and Training Level 4* nezeSatifikethi seMatriki)** njengesikhokelo sokuqaphela iimeko ezingayingxaki ekuqhutyweni kweemviwo nokwenza isicwangciso solawulo lweemeko ezingayingxaki esimalunga noku**.**

4. **Ukulawulwa kwezitenxo (*irregularities)* zeemeko eziyingxaki**

4.1 Ezi zitenxo zilandelayo zenzeka ngethuba lokubhalwa kweemviwo ze*NSC* zangoNovemba 2020:

Udidi lwesitenxo	Inani lezehlo ezichaziweyo
Abaviwa abaphethe iselula kubo	14
Izinto/imathiriryeli/izixhobo zokubhala ezingagunyaziswanga	09
Abaviwa abaphendule iphepha lemibuzo elingachanekanga	06
Isikripthi seempendulo sikhutshiwe kwigumbi lokubhalela uviwo	03
Ukufunyanwa emva kwexesha kwezikripthi zeempendulo	07

4.2 Ngaphandle kwezitenxo ezibini (iselula nezinto/imathiriyeli/izixhobo zokubhala ezingagunyaziswanga), ezinye izitenxo zinxulumene nendlela ekuqokelelwa ngayo iincwadi zeempendulo kubaviwa. **Ngoko ke**, **kubalulekile ukuba kulandelwe imigaqo echanekileyo yokuqokelelwa nokufakwa kweencwadi zeempendulo kwibhetshi ezichanekileyo ngawo onke amaxesha**.

4.3 Kubalulekile ukuba abagadi babaviwa beme ngasemnyango xa abaviwa baphumayo kwiziko lokubhalela uviwo ukuqinisekisa ukuba abaviwa abaphumi neencwadi zeempendulo kwiziko lokubhalela uviwo.

4.4 Iinqununu/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo mababe nolwazi ngokuqulethwe *kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo* 0013/2017 yomhla we-24 Agasti 2017 neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0010/2021 yomhla we-30 Julayi 2021, enika isikhokelo sokunciphisa izitenxo zovavanyo ngethuba lokubhalwa kweemviwo zikazwelonke.

5. Ukuba kungakho nayiphi na intandabuzo ngokuba ungubani na umntu ongumbeki-liso kwiimviwo, okanye nakuphi na ukuphazamiseka kwenkqubo yeemviwo okanye ukuvulwa kwephepha lemibuzo elingachanekanga, inqununu/umphathi weziko lokubhalela uviwo makakuxele oku **ngokukhawuleza** komnye wala magosa eSebe i*WCED* alandelayo:

   Mnu J Parbhoo, kule nombolo yefoni: 021 467 2075 okanye ngokuthumela i-imeyili apha: Jaywant.Parbhoo@westerncape.gov.za
   Mnu B Loriston, uMlawuli oyiNtloko weCandelo loLawulo lweeMviwo apha, 021 467 2541

6. ISebe i*WCED* lizinqwenelela okuhle iinqununu/abaphathi bamaziko okubhalela iimviwo kulawulo lwezi mviwo zizayo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-09-15